

Ndiyoyika

A thesis submitted in partial fulfilment of the requirements for the degree of

Master of Arts in Creative Writing

of

Rhodes University

by

Mxolisi Nyezwa

November 2015

Abstract

This thesis collection is a book of isiXhosa poems in three sections:

- Poems derived and influenced by the rhythmic structure and the lyrics of Maskandi music
- More introspective and personal poems derived from other influences: International poetry, South African poetry, and certain jazz and soul music
- A major poem titled, “*Nozala, umqolo wakho uphandle*” which delves into the state of South Africa and explores the relationships that entrench poverty and powerlessness in post-apartheid South Africa.

Ushwankathelo

Le thisisi yingqokelela yemibongo yesiXhosa eyohlulwe yazizigaba ezintathu:

- Imibongo ephenjelelwe ziingoma nezingqi zomculo kaMaskandi
- Imibongo ephenjelelwe zizimvo neemvakalelo zam njengombhali, ngakumbi iintshukumo zomzimba nezomphefumlo ezithundezwe ziimbongi zamazwe omhlaba, ezoMzantsi Afrika, kunye nemiculo efana ne-*jazz*, ne-*soul*
- Umbongo ombaxa osihloko sithi, “*Nozala, umqolo wakho uphandle*” othetha ngelizwe lethu iMzantsi Afrika, uqwalasela indlela ekuphethwe ngayo ilizwe ziziphathamandla, nendlela abasemagunyeni abaphembelela ngayo intswelanguqesho nentlupheko eluntwini, kwanokufiphala kobutsha-ntliziyo nobuthandazwe kubemi beli lizwe.

Iziqulatho

I

Thina sicela imimoya
Ubumnyama
Umhlaba
Ivumba
Umbethe
Ilanga
Umhambi
Inggumbo
Themba
Ingelosi
Ububi
Ikholwa
Intaka
Usana olungenanina
Intiyo
Amanxeba
Inkathazo
Njengelanga
Umngcwabo
Isikolo
Amanzi
Isitya
Umntu
Isihobe
Amaxesha
Intsasa yehlobo
Amanzi
Uzuko
Ukushiya emazulwini
UDemokrasi eMzantsi Afrika
Amahodi
Ububi obuvelele uhlanga
Phezukomkhono
UMaskandi
Umfaz' Omnyama
Inkunzi Emdaka
Ingoma

II

Ubuphi xa bendikufuna
Thando
Ingubo
Iindaba zesithandwa
Ukusabela ikhwelo lothando
Uthando olungaka
Ukumamela

III

Nozala, umqolo wakho uphandle

I

7

Thina sicela imimoya

*umoya wenu awuchukunyiswa
umoya wenu uyaqwenga
umoya wenu uyahlasela
umoya wenu uyadlala
umoya wenu uyavuthuza
umoya wenu uyaginya
umoya wenu uyathuthuzela
umoya wenu awugqibi*

sicela uthando
sicela iintsikelelo
sicela intokazi enkulu
sicela unina nomakhulu
sicela ukuthoba iintloko
sicela ukubuyiselwa umbuso wokwenene
sicela nakubo bonke aboo bantu
sicela kulunge kumathongo
sicela kujongwe kubulumko
sicela kuthotywe kumhl' omkhulu
sicela ingca
sicela iintlanti
sicela amasimi
sicela ubulali ngozipho
sicela itshawe nombuso wenceba
sicela imbalarha yeZulu
sicela amatola namakroti
sicela abantwana
sicela igazi
sicela inyama
sicela uthando nomanyano
sicela ukufezeka phambi kwakho
sicela kuwe imithandazo ephilileyo
sicela kuwe ubomi obukhuselekileyo
nemfezeko egqibeleleyo

*umoya wenu uyakha
umoya wenu uyaphalaza
umoya wenu uyabasela*

thina sicela imithi nemimoya
thina sicela intlambuluko namendu
thina sicela ubugqi nemigido
thina sicela uxolo nokuzalana.

Ubumnyama

ilanga litshonile
ubumnyama bufikile
ngongcwalazi kurhatyele
abahambi bangxamile
kuzolile kuyoyikwa
umnumzana unephika
ubusuku bungenile
namaxhala afikile.

Umhlaba

umhlaba omnyama usingqongile
umhlaba wamadlelo mhle
umhlaba yinzwana ephiw' amandla
umhlaba wonke luyolo
umhlaba wevila uyabambelela
umhlaba ochumileyo uyabukwa

umhlaba udale impuma
ilanga ngentla lasithela entshona
isandi sesikhova savakala ngongcwalazi
iintlanzi zazimela phantsi kolwandle

ngentla kwentaba kuchume amafu
nemvula engxamileyo yehlobo.

Ivumba

ivumba liyathetha
wakusondela kulo
lizis' ithemba
likhohlisa oneenkani
likholisa onodano
koovela noonobenani
bedumisa besondela
kudubule uvelwano
livakale besekude
lithambise imiqala.

Umbethe

unenjezu umbethe kusasa
kwilizwe lonke
uhamba ngewonga
lihotyazana elivele noNdalo
isilo esithwel' ubukhosi
ugxwala isithukuthezi
uzilela ubusuku nobulawu
usondela ejingxela
wohlala phezu komhlaba
wandisele kwangoko
wothunywa uthuth' ubuthi
ugoduke uxwebile.

Ilanga

saphuma sonke ngentsasa yelanga
sabukela umbono omhle
umzi uthandabuza ngobutsha
umhla ubengezela yimincili
ndabona ukoyiswa kwezalelo
kwizinwe nezibele zelanga
iziqu zethu zimatshekile
ilanga lentsasa likhanyile.

Umhambi

umhambi sisibaya
sokuphamba umkhuhlane
wofika ephethuka
emva kwemini ethubeleza
ethutha iimfihlelo
ehlungisa intliziyo
ethwala amabali
ehambisa iindaba.

Ingqumbo

ndiyamcaphukela umntu ngokuthiya
ndiyamcekisa umntu ngokutheza

ndiyamcaphukela umntu ngokubetha
ndimcekisile umntu ngokugeza

ndiyamcaphukela umntu ngokuxoka
ndimcekisile umntu ngokuxhentsa

ndiyamcaphukela umntu ngokugxobha
ndimcekisile umntu ngokugxeka

ndiyamcaphukela umntu ngokunyotha
ndimcekisile umntu ngokunyopha

ndiyamcaphukela umntu ngokuqumba
ndimcekisile umntu ngokulunga

ndiyamcaphukela umntu ngokuhleba
ndimcekisile umntu ngokuhleka

ndiyamcaphukela umntu ngokuphoxa
ndimcekisile umntu ngokubhoxa

ndiyamcaphukela umntu ngokuhlaza
ndimcekisile umntu ngokukhwaza

ndiyamcaphukela umntu ngokuzonda
ndimcekisile umntu ngokunyova

ndiyamcaphukela umntu ngokungena
ndimcekisile umntu ngokuphuma

ndiyamcaphukela umntu ngokumatha
ndimcekisile umntu ngokutyhafa

ndiyamcaphukela umntu ngokudlala
ndiyamcekisa umntu ngokukhala

ndiyamcaphukela umntu okofudo
ndimcekisa umntu okokhozi

·
ndimcekisa umntu okomhadi
ndimcekisa okomnatha.

Themba

kwezi ngxaki wena ulungisiwe
kolu gebengo uxhoyisiwe
uxhinile ikowenu
uculela ufudumalo
unxanelwe inkululeko
kubonakala nje ulunyulwe
entloko ukhandiwe
kushwabana izandla
kutsholoza amanzi
kuzongoma izulu
kugquma umlambo
khawuleza welela ngentla
thembela kuSomandla.

Ingelosi

*thula yithi tu akubonwa
sondela nganeno
ngathi ungumnt' obomvu*

uphendule watsho uMandla
eqhutyelwa ngaphandle
esithela ehlathini
edukelwa lilanga
etshonela emhadini
exakiwe emhlabeni

naako sithiyela intokazi enyulu
singxolel' ingangalal' eZulu
sibophelela ingelosi ngehlazo
ngasentla emnqamlezweni

nathi sagibisela izikhova
sakujonga samelwa kukucinga
sakudinwa zizalelo
neenkxwaleko zobubomi

sakonela zizijwili zabantwana
sakusindwa zizono zethu
sakubhidwa ziimbophelelo
zemithandazo nezinyeliso
zezizalwana nabantwana bethu.

Ububi

ndiyazibuka kuba ndidanile
ndiyazibhenca ngathi ndonwabile
zindexile nazo iinyembezi
ndiphethwe yingevane nobulolo
ndidiniwe kukuxoka nokuqhosha
ndonele kukuphemba nokuphatha
ndizingwe bubomi bokuphanga
ndibethwa lichiza nazizicwe
ndiwavile amaqhinga namaqhetseba
ndilahlekelwe lulwazi naziimfundiso
ndivelelwe ngamahlathi naziintlanti.

Ikhohwa

kwakhona ndiyahlaziyeka
ndiyahleka ndonwabile
bathathu endleleni
phambi kwam
badanisa basondela kancinane
iingubo zimhlophe okwekhephu
ndibona endleleni iMvana
ndijonge ngentla etroneni
ndiveza izinyo elimhlophe
imincili ebusweni ibhaliwe
intliziyo emazantsi iyavuya
intaka entle iyabuya
ndiwa ngawo omabini amadolo
ndibulela uMdali.

Intaka

inamaphiko amabini
inamaphiko amakhulu
phantsi entabeni
ijikeleza amawa
ijikeleza neenduli

de igqibe ukubhabhazela
kuhle nay' uThixo
kufike uNyawontle
inkosi yamaZulu.

Usana olungenanina

ndozi bika ubuze elizweni
ndinqwene ngentliziyo ndicing' ekhaya
ndinukise okwenja ndivez' izinyo

amandla omntu endinguye afihliwe
ukuphela kwamaphupha kuyaziwa
umhlaba ujikelezwe zizawephu

ndiboneni bakhonzi nemilowo ndilikheswa
ndiboneni nina bafumb' intlonti
bagcin' umthetho ndingenabani.

Intiyo

ngoko andazi
kunzima nokucinga
ilizwe liyandilimaza
intiyo ixel' inamba
ikrwela emqolo
usondela ungaboni
bamamele nonogqaza
baxakwe liqhinga.

Amanxeba

iinyaniso zonke
nkalo zonke
ziqalekisiwe

ubuso bomntu
ndibubonile
bugqunyiwe

kuphoswa ngemva
amehlo entla
esihogweni

apho kucholw' iingceba
kutswin' iimpuku
ezingxangxasini

xa ndibona ncakasana
amaxesha axheshiwe.

Inkathazo

bulungile ubudoda
bumnandi ubulolo babo
nezilandu ziyaphetshwa
endleleni uyakhutshwa
ushiywa ngemva sisininzi
uwelele ngasentla kwiindawo
ufike maxhaphetshu kwimimango
xa kunzima akuncedi ukutyhafa
wena ungqongwe ziinaliti neentlungu
ulingwa kukungcola nezinyeliso
ukungavani akutyiwa thuthuzeleka
zininzi izinto abantu abathi yimpucuko.

Njengelanga

hlukana nobubi
zifanise nelanga
thembela enyanini
bhekela ebuxokini
zifanise nelanga

zifanise nelanga
lona livelayo
sesifuna ukuncama

zola ncuma ungaryhafi
phaphama kwangoko ungalali
ubomi buyagungquza
ubusuku bufikile
izikhova zilindile

zifanise nelanga
bambelela eluxolweni
ungaphumi isimilo
uthando ulukhonze.

Umngcwabo

hamba ugoduke
uyafunwa ekhaya
amehlo adiniwe
kukade elindile
ziyarhona nezikhova
zixakiwe zilusizi
ziswele ulwazi
goduka uyabizwa
amathongo anabile
abantwana banovalo
kuthule akuthethwa
umngcwabo ufikile.

Isikolo

isikolo siyinqaba
yokulol' ulwazi
isikolo sisiseko solwazi
kulutsha oluvele lungazi
sisiziba esoyikekayo
kubaginyi bekratshi
likrele elivuz' igazi
kubabingeleli bobubi
kumatshijolo aswel' ulwazi.

Amanzi

amnandi amanzi
anencasa acwengile
adlamkisa umxhelo
ondla umzimba
amnandi amanzi
abaleka phezu komhlaba
adlamkisa indalo
kumhla ndaqal' ukuphila
ndaqal' ukupheph' izifo
ndancokola ndaneenkani
ndalusana emandlalweni
ndinovalo ndothukile
ndawasela amanzi
ndasondela ebuntwini.

Isitya

sihleli isitya entla kweziko
sifumana ukuphumla
nguvimba weencoko zekhaya
isithunywa seendaba ezimnandi

phezu kwetafile isitya silinde ngobunono
sincumele umbono omhle
usapho nalo lulindile
lonwabele ukuthweswa isithsaba

isitya sikhumbula uhambo olude
sinxanelwe abantu nobuntu
sihlafuna iingcambu nezicwe
sombathe iingcwangu
nentiyo yomrhwebi

sifake izambatho ezibomvu
neziluhlaza njengomati loshe
sisidalwa esigcwel' ikratshi
soyika ukubuyela kumrhwebi

isitya sinduluka ngentliziyo emhlophe
sona sisiciko senyama
siliciko lencasa
siphathelene nethanga
neentwana-ntwana ezimnandi
sisebezelana noodade noonyana.

Umntu

umntu lidini longendawo
imida yomhlaba uyihambile
ukufa kona akulali
amazulu phezulu afihlakele
kub' iingcingane zomntu zonakele
ukufa engcwabeni kubotshiwe
imida yomhlaba ibhekele
ububi bentliziyo buyabonwa
intliziyo yomntu inobugwenxa
ikratshi neenkani zongamele
umntu akazi akufunayo
nakulandelayo kuyamothusa
uxakwa kukuzola kwelanga
achanwe yimincili yemitha
ilanga libengezela emini
ubethwa ngumbethe wezulu
aphandlwe bubukle belanga
uthe cwaka umntu uthule
akathethi ungacinga ufile
eqhutywa yingqumbo nakumithiyo
yimpungutye yehlathi ngamaqhinga
inzondo yomntu yeyendlovu
liphanyazo liphakade lizulu ngumhlaba
ixak' amabandla yaxaka nohlanga
ixak' abakhaya yaxaka nosapho.

Isihobe

kuMzwandile Matiwana

wabhala ngobomi bepeki emjiva
ungelondwendwe lubekekileyo apho
uliqothololo lemfundo nolwazi
zint' ezikwritsh' abantu ngobugqwirha

namhlanje isidudu setyuwa sityiw' emini
inkawu ihlinzw' ilila
nomkhosi kaNkosiyamntu
udl' amahashe

wandicela ndishicilele isihobe sakho
kwakunzima ndixhwalekile.

Amaxesha

anabile amathunzi obomi
phantsi kwelanga
axela ixesha lamandulo
ubuso buphumle bunemincili
kuphele nemibimbi
kanti kufike ilanga elishushu
nokhanyo olumhlophe
amantombazana esitalatweni
anxibe iilokhwe
izihlangu zawo zichophile
litsh' ilizwi khaniphumle zizukulwana
amathunzi akrobile
namathanda asusiwe
nesizwe soyisile
neziyolo zifikile
amagqabi emithini ayakhahlela
amaxhala aphelile
ixesha lizolile
izikhwebu zivuthiwe
nezigulo zinqabile
kanti sofika nini kweyona nkululeko yoqobo
apho ubudenge bungaziwa
nentlupheko ibhangile
namaqhinga ephelile
nohlanga lonwabile
neziguli ziphilile.

Intsasa yehlobo

intle intsasa ngemini yehlobo
iphahlwe ngamathongo
ichasiwe ingqumbo ithutha amabibi
nabantwana phandle bayangqina
kuna ngamandla imvula yehlobo
nobomi obu butyeba kwangoko

emazantsi emva phaya
imvula iyana kwakhona
imvula mayine
kubaleke amanzi

zonk' izithuthi zibonakala zingxangile
iinqwelo-mafutha endleleni zingxamile
edolophini kuyavakala imizimba idiniwe
emizini-ntengiso kumiwe kudengiwe
emakhayeni ethu siyeva kunethile

buhle bona ubuso bosana
emandlalweni kanina
buthi ndithenge
wokhumbula ke mlesi
ixabiso lomntwana
ziilekese neenyembezi
bayethe ngelosi yezulu
kumkani wemvisiswano
mgqugqisi wohlanga loluntu
nenzala yeenyoka

izityalo zonwabile
phaya ezantsi kwesitiya
ecaleni kwegqabi lomqaqoba
nethanga elibomvu
kunkcenkceza amanzi

intyatyambo ebomvu ivathe ikhephu
unwebu olumhlophe lombethe
nengutyana etyheli
nentliziyo ephefumlayo ibonakala ixolile
ibonakala ngobuso
igcobile ivuya

amehlo ayo athokombisile
amadolo aguqile

ingcangcazela ngombulelo kuSomandla
ingcazela ubugqi kuthando
ikhangeleka idlamkile

iziphika zenkankane ziyashukuma
le ntaka ibonakala ikude ngobude
nokutaka kwanokubhabha
nononkala uyakhasa
ngobunenekazi uyajingxela
ekuseni uyadumisa
ilanga liphumile

ubuhle bendalo ehlotyeni buyaxaka
ukufudumala kakhulu kwamanzi
kuviwa yintlanzi
naye umzala lona enkosini uyacaka
uyathandaza uyazibika
nasesipilini sendalo uyazibuka
empilweni yendalo uyanqula
ezikweni lendalo uyazikhupha

zimkile nazo izilwanyana phantsi kwamafu
zimkile izikhova zasithela zijonge isiphango
zifikile iinkonjane zizisa ulwazi
afikile namahobe asiphathele iindaba

inja ikhonkotha icotha ukusithela ibaleka ilanga
umzimba wenja uyazula ibeleke umsila
idonki icebisa ulovane ngokoma komfula
incoko yesi sibini inomfaneleko kodwa ihlekisa

phantsi komnga kunabe umhlelezi
iliso libukhali uyolelwe lilanga uzingela iimpuku
uphopho upholelwe ngamalanga
budinwa udangele uyacinga yaye uyozele

intle indalo yoMdali ehlotyeni
liyabukeka nelanga layo
idumisa njalo indalo
iyathandeka indima yamandla ayo

intle imini entsha yehlobo
ingqina uthando lomenzi nomzobi
ngentliziyo efezekileyo
yalowo uthunyiweyo.

Amanzi

*lo mbongo ndiwubhekisa ku Mfu. B.W. Kwenene
imbong' ethethayo entlok' imhlophe
esithozela sizole kamnandi
ngeliny' ilanga safaniswa namanzi*

ndinga ndingasondela kuwe enyeleni mfundisi
ndihlangatyezwe ndihlutshwe zizimvo zakho
ndihlukunyezwe bubomi endinabo
ndingoneli nakanye sisono endisiso
ndingaqhawuli ndiphume kwintolongo endikhonkxwe kuyo

ndinga ndingavaleleka phantsi komhlaba ndingaveli
ndixhathise okwexhego kumsimbithi woxolo nothando
ndibambebele kwisinqe sakho esinyulu
ndixole ngamandla nozuko lwakho
ndisondele nganeno ecaleni kwakho
ndimamele ilizwi lakho

mfundisi, ubomi bude kwakhona bufutshane
isiziba sobomi sinzima
sonyulwe ngamagqirha nangamagqwirha
amanzi obomi amyoli
anokufa nesikizi

uzuko lobomi bethu lunegazi luneemfanta
isidalwa esidala kon' ukufa sihlanz' ubomi
uvimb' orhax' impumlo uval' umbilo
amanz' agqum' intshinyela yeengcwangu
neezilo zaboni.

Uzuko

*luphahla lunabele iZulu
ziintsikelelo zodwa
zirhangqe itrone yeZulu*

luphalele uzuko ebantwini
amadolo atyhafile
namandla aphelile
kwazika nenqanawa yokholo nothando
liqamele ngenqindi iTshawe loMnqamlezo
phezulu komkhulu

mhlawumbi wena uvelelwe sisifo esibi
esingafun' ukuphela
ngokomyolelo wenkundl' engezantsi
uthiyelwe ngemfuzo ebiyeleyo
isilonda esala ukuphola

ngoko kunjalo Mtrinithi phendula
kuMang' angalanywa sizwe sakuthi masiguqe
lemvula ibindayo kumhlaba
idiliza iindonga zosapho
asenzanga ngabom na sizukulwana
ukubeth' emva noko kumhlophe
uThixo esimkhonzayo
usisikele ixesha
uthuli ngemva lunabile
lufanele ukuqoqwa
ze sithi xa amandla ephelile
emizimbeni yethu
sitarhuzise kuMhlelezi
sixolelwe izono.

Ukushiya emazulwini

zithethiwe zibhaliwe iindaba
iingqondo zavuleka
amalungu okuqala ezwe
akhatywa nguKhetsekile
kwaqandusela ukufa
kwalinyw' amatye
(khona ukuthiywa oku komntu!)
kwavel' impixano
nokungaqondakali koluntu
saza sathi isiphetsha-phetshane
akungenje xa kuza kulunga
mzi wasekhaya
khaniphulaphule nizole
isithunywa somntu sithethile

kuvele idangatye entshona
salithiya uNongqawuse
kunyikime umhlaba
kwadaleka iingxondorha
kwathubeleza imilambo
namaza alephuza
kwavela izilo ezisibhozo nezimhlophe
kwadaleka imimango

silishiyile elo khaya
kukhasa abantwana
sabambelela ezilevini
kwanzim' ukuphefumla.

UDemokrasi eMzantsi Afrika

kwathi kanti ingcamango yabo yayiphilile
ingulowo ibunzi libilile
imsulw' intliziyo yabo okwekhephu
bathi abanye banqand' int' embi
ahlunguzelis' iintlok'amadoda
atyhiliz' iintlanti anqand' intlonti
balihlaba balikrazul' isikizi
baliqengq' inyal' elimnyama
yadudulw' impundulu
yaxola nay' imizi ngemva
wemk' umntu nomsinga
kwakhalaz' abathimbi bohlanga

sikhumbul' ezo ntsuku
uMadib' omde enab' esiqithini
way' esihogweni
wathiyel' uSathana kwamdak' iisali
baliyeka abathimbi elo thamsanqa
lezwe lomthakathi
kwahlunguzelisw' iintloko
uDemokrasi wavel' enyongoba
esiphathel' intsikizi
intak' emnyama ebimbiliz' iminyiki
namathol' eenyoka.

Amahodi

amade ngawetyala
isizwe sinxubile
niyakhumbula na nilusapho lwegazi
niyazi na isitya esihle asidleli

lunekratshi ulwimi lomntwana
osisu sigcwele umoya
unina encamathelene namahodi
lusizi lodwa kusana.

Ububi obuvelele uhlanga

yiyo ke leyo imbongi ithetha
ibhala ngosiba ithetha ngokufa
kuze kuvele amabandla namandl' amatsha
kakade asivanga nto ngeekumkani zomhlaba
asazi nto ngobume belima namathumbu omgodi
kweleenduduma sivile ngezimanga
babulaw' abasebenzi eMarikana
okweenkunzi zebhokhwe
zathululw' iimbumbulu kwabuthw' imizimba
kwakroz' izidumbu kubukulwa umntu
sibonile kwakhona kubulawa umntu
satshw' isikhalo kalusizi
kwabaselwa ngomlilo abantu behleli
'ze kuthi kanti isil' esimnyama sibonile
'ze kuthi kanti iintlanti zivuliwe
namasimi alinyiwe.

Phezukomkhono

impilw' ichumile
ebomini bethu
ngebali lakho
nobume bendalo
ntak' enobugqi
milis' uvakalelo
kuchithek' imilambo
ijul' amanzi ngentla
kunab' intambanani
amaphik' exananazile
kuhlab' imikhosi
izokugweb' umhlaba
entilini phantsi
nasezantsi kwehlathi

imini yehlobo inde
nobusuku bayo bufudumele
kunje namhlanje siziimbacu
emakhayeni ethu sihluphekile
ntak' esifuba sibomvu
nganeno sondela
phezukomkhono
unxib' umnqwazi
ekuxakweni kwethu
naw' uyakuza
ufing' iintshiyi
unyang' isizwe
emva phaya
usapho lujongile
uyinzwana ngelizwi
nekhwelo lothando

uthethile nathi
wakusithel' ekhaya
wakusinikel' umva
usabel' ingoma
xa wawugudla ulwandle

indlel' entle yalathiwe
ising' ekhaya
amehlo ethu akrazukile
imithamb' emizimben' ithunukiwe
iminweba yawo inothuthu

ndiwunikiw' umnquma
amadol' anzima
ngendigoduka
ntonje ndiyibhudil' indlela

ndinga ndingalizulela ikhwelo lakho
phezu kwentaba nasentla kolwandle
ndibubulele ububele bakho
ndinga ndingagqumathela emazantsi akho
ndidumise ubungangalala bakho.

UMaskandi

uMaskandi uwelile
ngongcwalazi lwemivundla
ndimvile endiculela
kamyoli ebusuku
ngentsholokazi enkulu

yimbongi yakomkhulu
eyoyise zonk' iimbongi
ngesigingci sakhe senkcenkce
uvuthulula uthuli

sakusoloko simangalisiwe
yiloo mbekokazi inkulu
ezakowethu iimbongi zingxathile
zimele kude zixakiwe

sophethuka sigoduke
sihlunguzelis' iintloko sidangele
sihlaziyek' iintliziyo sibonile
sikhohliwe sothukile.

UMfaz' Omnyama

yindodana embuna okomfazi
ebopha iqhiyakazi
eyomeleleyo emilileyo
ezalwa yinyanga
yaqeqeshwa sisanuse
yangcwaliswa zizangoma
kanti yena umfowabo ngumthakathi
uboph' iqhiya uyangqiyaza
uyaqhayisa uyombelela
uyadumisa uyavumisa
abakhulu kwaZulu bamamele
umfaz' omntu uyacamagusha
kumawabo ngesizwe uyangxengxeza
uMfaz' Omnyama uxabisekile
uMfaz' Omnyama ndiyamoyika
uMfaz' Omnyama undilisekile.

Inkunzi Emdaka

imini inde nobusuku bayo
ubomi bude neentsizi zabo
kuzalwe namhlanje Inkunzi Emdaka
kwanamarhamncwa angajongwayo
asondeza inyenzane
yabinz' inkwenkwezi kophuk' iimbambo
isibhakabhaka saluhlaza
kuzalw' inkwenkwan' entsha
namhlanje siyagida

izolo ibikwayilento kubangw' uxolo
kubukw' indalo
yavakal' intsholo kukhuzw' ilanga
kugxothw' indlala
ngubani owaziyo udaba luthethiwe
ukothulwa kwendod' umnqwazi
yindelelo nehlazo

ngomso sobuya sithethe
sizibik' ukuxheleka
sobuya sisondel' enkosini
sizikhuz' iinyembezi.

Ingoma

lo mbongo ndiwubhekisa kuMaskandi, uPhuzekhemisi

uthando lwengoma luyagwaza
uthando lwengoma luyagweba
uthando lwengoma luyadala
lufana nesiko ludala inxeba
lufana nesifo lubanga usizi
uthando lwengoma luyalumeza
luxela isikizi
luyamemeza lubanga ingxolo
lulandelwa ziingxoxo
ndifundis' isifundo Phuzekhemisi
noxa ndamkhalalayo utitshala
ndibonis' abantu mvumi emnyama
nokuba kunzima
amanyange namafanankosi emele kude
ndambathise mthuthuzeli wohlanga
nangona kumhlophe
ndithandele ngonyama yehlathi
sel' ingumgwebo
ndixelele ubunje bentliziyo yam
ndithwal' izono nezikweliti
ndalathis' iimbutho zamagwala
ndinxuse kooloyiso lohlanga
ngob' ecocekiley' intliziyo
yeyombumbi weengqayi
ngob' ephuhliley' intliziyo
yeyomdali wezinti
yeyomdlali weentonga
ecwengileyo nesulungekileyo
yeyeemveku neentsana
ngob' echumiley' intliziyo
yeyomthi womnga
exhelekiley' intliziyo
kuth'wa yethwetyulweyo
ecikiziwey' intliziyo
kuthiwa yehonjisiweyo
yeneengalo nemilenz' emide
kwintw' ezintle
yethozamileyo kumnyama
kuyintlambuluko kasixhenxe
mamela kwedini yetola
a'kho sizath' ugoduke
mamela nzala kamamlambo

usabel' ubizo
nyana wam inzwakaz' inconywa
ngobuhle bayo
ndivumeleni makwedini
nditheth' izinto
mamela nyana wam
ndidlalele nganeno
mamela nyana wam
ndikudlalel' ingoma
mamela nawe Mfaz' Omnyama
ndikuphakil' umphothulo
ndixel' oluthando luntsikizi
zintsizi neentsiphu
ndixela le ntlonti isisininzi
samanz' olwandle
ndikubonis' ububomvu bomntu
kwisizalo sikanina
ndikulathis' ububhedengu
kwisikw' elilelinye lomntu
ububi bomnt' endinguye
ndibuqhelile bundifanele
ndinxib' ibhulukhwe nje
andiswelanga nto
ndihamba ndedwa nje
andoyiki maphuthi
kuba kaloku mfo wam
uthando lwale ngoma kuthi
yimida engaphele ndawo
uthand' olululo yingom' ende
yangaphambili
yiyo ke leyo imbongi
ithetha izinto ngezinto ingaphezi
yiyo ke leyo imbongi ibhuda ibhonga
ithetha ngaphandle kwemvume
ingatshatshi
ishenxisa ingxolo nokufa
nokumila kwako
icikida impilo injalo ingafihl' into
ityhiliz' isihelegu
kunjalo nje ingabhampuli
yiyo ke leyo inkuz' endala
isiphathel' ufele
nantso ke inkunz' akowethu
isizisel' iimpethu nengcwaba
nants' ingoma kamalusi
imumath' iimfihlo nezifihlo

nantso k' inqwel' egodukayo
yezint' eziqaqabileyo nezinqabileyo
ikhokelisa ngobude nobubanzi benyani
idumisa uthando nengoma ngazwi-nye
ibonga izulu izula ngokuphakama kwalo
ingxolel' imifula nokufathula kwayo
idumisa umhlaba nobunzima bawo
kuba kakade mhlekazi
uthando lomnt' endinguye luyalinda luyavala
uthando lomnt' endinguye luyagrumba luyahlupha
lukhuthuka msinya yisepha yeOmo
lubhabela kude luyandanda luyandiza
lufana nentak' ehlathi
ludala
lufana nendalo
lufana namanzi.

II

Ubuphi xa bendikufuna?

*wandenza ntombazana ngamazwi aphilileyo osana
wandenza mfazana ngemfezeko nococeko
wandenza tshawekazi ngobuso obuhle bosana
wandenza nkosazana ngeenziph' ezinde zokhozi*

gxebe, ubuphi kade sithandwa sam ndidiniwe?
gxebe, ubuphi nkosazana ndikukhangela?
leliphi ilizwi lam elavakala kuwe waminxeka?

ulithwale wedwa ikhaya lethu ngomonde
sobabini sinamathelene okwezinyo nomhlathi
loo nto nokubhungwa kwethu
kungabangi nto kumanyano lwethu

ukhwekhwe olukhulu lokhozi luyakukhuza
kwaneentsizi ezitsal' imikhal' obomi zikukhangele
kazi kwenzekeni uloyiso lwethu uluvingcele ngaphandle?
kazi sothini ke ngoku kobu bomi bungaphulaphuli nto?

zitsho kuthi ezi ndaba zithi masohlukane
loo nto zingxamile zihamba ngeenyawo
izandla zishushu zisindwa yimimoya
itsho kwakho imilowo kuhlwile
kambe zitsho ezi ndaba kalusizi kufiwe.

Thando

ndinga ndingonela sisono
endalathiswe sona
ndizole bubomi
ondibonise bona
ndibotshwe ngendlela
ndakusondela kuwe
tshawekazi ndifile
yaye ndivile
ndisamkele isohlwayo
ndinxubele isifihlo
ndandlalelwa isilingo
mna ndodwa ndendile
ndifanelwe zizixengxe
okokuqala ndonile
amehlo am abile
aboniswe izulu
nangoku ndiyavuma
ndincumele uthando
nobuqili baqongqothwa
nezandundu sezagxothwa
zakhutshwa nezidlanga
iminyaka ndiyifincile
imfezeko igqityiwe
ndikhonkxwe ngobuchule
ndihlohlwe ngalw' ihlombe
umoya wokwindla ufikile
nembalela ibhuqile
imvulakazi inile
nentlupheko ibhokile
kunamhlanje ndizindindi
iintshaba zibhungile
amaqhinga aphelile
nokufa kuxhinile
ntokazi khawuphinde
kweliqaqa uqeqeshe
ngengqondo uqweqwedise
oonogqaza beziqikaqika.

lingubo

sondela phantsi kweengubo
ubusuku bufikile
nobusika bungenile

umzimba wakho unamandla othando
nobuso bakho buncuma kamnandi
amehlo akho agcwele imincili

intwasa-hlobo kudala yemkayo
neenkomo emadlelweni
sekuntsuku zajikayo

intswahla yamanzi itsholo kude
nasentla kolwandle kugquma amanzi

intlantsi yelanga entla kwesango ithi goduka
liyoyiswa nelanga ezantsi komlambo
lichaza indlela ebheka ekhaya

iyayekelela iyathotha ingoma emilebeni yomhambi
ifuna ilitha elifudumeleyo
iyabhekela nayo imini nezinto zayo
ijika isingisa kowayo

masisondelelane phantsi kwelanga
sisondelelane naphantsi kwezi ngubo.

Iindaba zesithandwa

ndifuna ukukunika ingxelo egcweleyo
ndifuna ukukukhumbuza

ndifuna ukukuxelela inyani
ndifuna ukukubalisela
ndifuna undimamele

yintoni?

uthini?

uthi umntu wenzeni?

uthi kwenzekeni?

ndifuna ukukuvelela emaphupheni akho
ndiphephezele okomoya kwintlango eminxayo
ndidomboze isimbonono esikrakra
ndicela uthando lwakho

ntombazana, umzimba wakho uqinile uphilile
futhi umzimba wakho ulilahle
intlonze yakho ibukhali inempilo
yaye nengqondo yakho iphilile
bendililiso elibukhali entla kohlaza
ndidwelisa ngeminwe yam yolishumi
iimpawu zobuhle bakho
nobunenekazi besilili nesimilo sakho

ndinobuso obuzotywe iintloni
zizixwexwe zobomi
ndinophawu olukhulu lokhozi
ndiphantsi kweembandezelo zothando

ndolule iingalo zam
nganeno kwentloko yakho
ndamkele isandla sakho
ndime bhunxe phantsi kwepali yombane
ndilindele uthando lwakho
ndigxadazela bubuthi ondithiyele bona

mamela sithandwa sam selanga
sondela ndikubambe de ndikugone
futhi ndikutshise nangomlilo
de ndikohlwaye nangoswazi
mamela ndikutyele izigigaba zothando.

Ukusabela ikhwelo lothando

xa umhadi omnyama usondela
amandla am ephela emzimbeni wam
xa isithunzi senkwenkwezi emnyama
sihlab' umhlaba ogwangqa

wobona ngam ecaleni kwakho
emandlalweni wethu

xa intwasa-hlobo ifika
nombethe omanzi ulalisa phantsi
ngezantsi kwehlathi

xa amazimba abomvu evuthiwe
nombona omhlophe uyokoza isivuno
wobona ngesithunzi sam esangweni lakho
mini zonke nobusuku bazo.

Uthando olungaka

phulaphula mntu kaThixo
mamela mntwan' eZulu
kunzima nokuthetha
kuthule kuthe cwaka
nomnyago wegumbi uvaliwe
nololiwe udlulile
amasango akhe evaliwe
amehlo emini ayaphikisana
kunduluka iminyaka
kusongeka imincili
kubuya unxunguphalo
akulula kuba nzima
sindisa umphefumlo
sindisa umzimba
wena uyafana neMvana
ufanele ukubikwa
ufanele ukuthinjwa
indlela inde ngaphambili
ithi zungalali
ithi simelela
ebudaleni bakho yomelela
ndiboleke isibane
ndisindise kwimbalela
undinyule kwiinyembezi
ndixhobise ngezixhobo
ndincede ngezaqwenga
ndiqabule unxano
zininzi izimvu
ezingxangxasini zomhlaba
ungade woyisakale
uthando yiyo indlela
uthando liphakade
umlambo ohambayo
ndithathe undibangule
undibonise ubomi
de ndifikele phezulu
kungcibeke neentanda
libhaliwe elamhlamnene
likhumbuza ngonxweme
lukhokela eYordane
ecaleni kweMvana
masibuyiseni ukucinga
siqoqoshe iingqondo
ukuxinga kwethu kodlula

uBawo asamkele
iingcango zeZulu zovulwa
kwakufik' ixesha lethu
sakuvela sinyongoba
namanxeba epholile
sakuthula sithi cwaka
sesibukele iMvana
zohla nazo iinyembezi
xa zisosulwa nazw' iinyawo
bonani uthando olungaka
oluxake namawaka.

Ukumamela

*minazan' ithile amanxeba ayophola
nentliziyo iyoxola*

ubufanele undikhaphe
ezitalatweni zalomhlaba
silungele ukuhamba
sibukele sobabini
ukusithela kwelanga

ubufanele undithembe
noxa ndilhlazo
ndibalekwe zizihlobo
ndidukelwe ngamachiza
zingasekho neenkomo
ingasekho nempilo

ubufanele undimamele
noxa ndilhlwempu.

III

Nozala, umqolo wakho uphandle

*mamela izikhalo zabantwana bakho
mamela izililo zelizwe lakho
ngekhe ndide nditshe ndiphele
ndomele emcingeni ndixele intethe
uthetha nam uthi
isikhuni sibuya nomkhwezeli
kodwa thina sobuya siyinyove*

unengubo yoboya emzimbeni
abakujongileyo bathi ulihlathi
nozala uxhonti
ukuhamba oku uyinciniba
imilenze yimicinga
intloko ngumzimba wenqanawa
uboya emzimbeni lufele lwenyamakazi
umbi uyoyikeka ugcwele imibimbi
amehlo abomvu akhohlakele
abasela iinkuni
nozala woyikwa ngabantwana
ulandelwa yimikhuba namakhandlela
kodwa umile akutshintshi
ubasela umlilo wedobo
awubonwa nangomkhondo
ubhadlisa ipapa ukhokela isizwe

...

iindlebe zam zombini zenele
zizoyikiso zakho ezimbi
namhlanje ndiyazula
ndakujonga ngezantsi ndiyimpuku
ndakujonga ngentla ndingumoya
imilebe yam ithi mandithethe
ngombuliso ozukileyo ndikhahlele

akuvanga na phezu kwenduli sasondela simangele
sabuka iminyaka yobume bendoda ngezilimela
akuvanga na ngodaba olukhulu lwakomkhulu
zihla iinyembezi zibuye ziqokelelane
kumzi ongentla sobuya sibukane
namhlanje andinamazwi nampilo
ndibukulwa lulonwabo lomzuzu

iindlebe zigcuma zintlungu
nomvandedwa awuvumi ukuphuma endlwini
nesazela sincumile silindele impendulo

ndofunisa ngawe nozala emalahleni nasemitshotshweni
ndoguqu-guqula ndikhangele emandlalweni
nasecaleni kwelanga
ndohlala ndilungise isakhono sam
ndibhale le mibongo ngobubi nentlonti
ekholose kwikhaya lam

...

ndiyangcangcazela ndinovalo
ndoyika ukujika nomoya
kwimimango yobu bomi
andazelwa ntweni
ezindlwini zabelungu
ukufa kona kundanele
kanti neenkothovu zamaxhego
ziyanambuzela azilali zinxaphile
ziyaphungu-phunguza
ndingumdaka onxibe isithsaba sameva
uthikoloshe ongaziwa negama

...

izigalo zona andinazo
umkhaba undidinisa kamsinya
xa ndikhawuleza
ixesha lobomi bam
ndilichithele ebudengeni
futhi namhlanje ndilindele ukufa
uthi kum nasi isonka manditye
ndonwabe nooGupta
kusekhaya nalapha
ayinamsebenzi nje loo nto
yindlela nje leyo ebheka entshabalalweni

...

ulisela uyaba
awufunwa naziintaka
emini nasebusuku uyathandaza
ukhanyelwa naziingelosi zezulu

uliwasakazi kodwa uyamithisa
ukumfela-ndawonye
weenkumbi neentethe
uyabhatyaza

soze ndaxola kula mhlaba
ucinyelwe zizibane

...

phantsi kolu ngcikivo
ngurhulumente wabantu
kwezi zithembiso zininzi
kubulawa abantu

...

maxa wambi xa ndithule
ndimamela unomathotholo
maxa wambi ndisozela
ndinesithukuthezi
ndicinga ngokuziphosa emlilweni
nakwizithunzela zomhlaba

maxa ndixakiwe zinto zobomi
kuqaqamba intloko
ndivulela umhlobo wenene

maxa ndithokombisile
ndihombile ndichulumancile
ndincumelana neentyatyambo zobomi

...

ayinamisebe le nto
yigadi engalinywayo
ngumhlaba ombatshileyo
ngumntu nje ngegama

ngendihamba apha ngokukhawuleza
ndibheke phesheya
ngendinyebelezela kude
ndixel' isongololo

...

yintshatsheli yomlotha unozala wam
ngumoya wesibaya icuba labathwa

yinja ekhonkotha ingayeki
esukela imithi ekhonkotha iimoto

yimbalasane yomlotha le
ndiyithulela umnqwazi

...

unozala ufika umlobi othile ejamelene nentlanzi yakhe
ecinga ngesidlo sasemini kodwa engenamlilo wakupheka
unozala ufika izisu zethu zixwebile yindlala yocalucalulo
unozala ufika ubuso bosapho buxwebile
unozala ufika ehleka ecula ezona ngoma zaziwayo zomzabalazo
unozala wam ufika naye azabalaze
kodwa ecingisisa nzulu ngesisu sakhe

...

ndicela undiphulule la manxeba am
ndicela undihlikihle emqolo
ndicela undonwaye kamnandi emhlana de ndozele
sisi wethu, ndicela undithambise amafutha kaMandisa noQhinebe
wee dali wee, ilizwe lethu ntombazana liyazama-zama
lixela amaza olwandle
wee dali wee, ilizwe lethu ntombazana liviwa ngeempumlo
litshisa imizimba yabantu

...

isizwe emazantsi eAfrika sibhidakele
sibhidiwe *yitsunami* yolwandle
isizwe sethu sikokose oononkala abanenkani
isizwe emazantsi eAfrika sixakwe ngumlamb' onzulu
isizwe sixakwe ziinkokheli ezingenangqondo

ngendihamba apha ndibheke kwelabamhlophe
ngendithutha kule ndawo yosizi
ndisingise empumalanga

...

ndihleli ndijonge esibhakabhakeni
ndihleli ndilindele inkam-nkam evela kwandlunkulu
abantwana phandle ebaleni badlala iindoloty namakhasi
abantwana bafundisana iimfihlelo zegazi nesondo

...

ndifole emgceni odinayo ukuya kwamkela indodla nonkosikazi
ndifole ngesidima esibukekayo
ndingumnumzana webhatyi nomnqwazi wosiba
kufuphi nomgca wehlazo kuhleli oonobenani
kungcembeza umjelo womchamo
amandla ayaphela yintsokolo eshwabanis' imilebe
nesidima esibhukuqa udaka

...

ndidiniwe kukutyisa abantwana bam isonka neembotyi ezingenatyiswa
ndidiniwe kukulamba
ndidiniwe kukucela kummelwane ubisi neswekile
ndineentloni yindlala nesisu esiqunjelwe ngumoya
ndidiniwe kukudomboza kumongameli nakumphathiswa wesebe
ndidiniwe lucalu-calulo oluze ngomoya nerhuluwa yabazabalazi

...

iminyaka emashumi mabini
bubomi bonke benkwenkwe
de ifike ebudodeni
iminyaka emashumi mabini
zizilimela zendoda
de isithele kobu bomi
iye kwelemimoya
ukuthetha kweli xesha limiyo
loonomyayi akuncedi nto
batsho bonke abahlali
sobuya siyinyove

...

kude kwalapha mama wethu
uphila nathi kweli khaya
kude kwalapha uthandaza
sonke thina bantwana bakho
asifumani msebenzi

kudala uguqa ngamadolo nozala
uchaz' intlungu yethu ngentla
kude kwalapha thina sikukhonzile
uthembisa sode sifumane itorho

kudala simanyene kweli khaya
sibetha iipeki kunye
kudala sixhathisile
sixhwaleke ziintlungu kunye

ngathi umthandazo wakho
yintunja yenaliti ehlabayo
ngathi amazwi akho agcwele izithembiso
ligwijo lokuphemelela uhlokondiba lweendlanga.